URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo loLawulo loVavanyo

Isalathiso: 20170605-1651
13/11/2
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0013/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili); kumaSekela Balawuli; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi bokuNika iNkxaso kwiKharityhulam; kuBacebisi ngeZifundo; kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zezoLawulo nokuPhatha, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Iindlela zokunciphisa izitenxo kwiimvavanyo ngethuba leemviwo zikazwelonke**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) libulela zonke iinqununu nabagadi babaviwa ngendlela egqwesileyo abaziqhube ngayo nje ngokubanzi iimviwo zeSatifikethi seMatriki (*Senior zeCertificate), eze-Adult Education and Training* (*AET*) *Level 4* nezeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(National Senior Certificate* (*NSC*) zango-2016.

2. Kwaye kwakhoo, nakuba kunjalo, izitenxo ezingephi ezinxulunyaniswa nolawulo kwanokusingathwa kweemviwo kwiindawo zokubhalela iimviwo apho iziphumo zeemviwo zabaviwa ziye zathathwa njengezililize nezingasebenziyo.

3. Ezona zitenxo bezixhaphakile zezi:

3.1 abaviwa abafunyenwe beneselula kubo ngethuba lokubhala uviwo;

3.2 abaviwa abaphuma kwindawo yokubhalela uviwo nencwadi yabo yeempendulo okanye isihlomelo;

3.3 abaviwa abangena kwindawo yokubhalela uviwo nezinto ezingagunyaziswanga (zikwisilivu seplastiki ngokuqhelekileyo); okanye isixhobo sekhompyutha; kunye

3.4 nabaviwa abafunyenwe bekopa ngethuba lokubhalwa koviwo.

4. Kubaluleke kakhulu ukuba inqununu/umphathi weziko lokubhalela iimviwo athethe nabaviwa bakhe apha ekuhambeni konyaka ngemimiselo ephathelele ekubhalweni kweemviwo zangaphandle, ngokwenjenjalo baya kugxininisa kwiziphumo zokuzibandakanya ekuziphatheni kakubi ngethuba lokubhalwa kweemviwo.

5. izitenxo ekwakubandakanyeka kuzo amagosa zaziquka:

5.1 iinqununu/abaphathi bamaziko abangafumani yaye bengagcini mithwalo yamaphepha ngokuchanekileyo nangononophelo oluyimfuneko;

5.2 iinqununu/abaphathi bamaziko abangalandeli nkqubo ichanekileyo xa besusa amaphepha eemviwo kwigumbi elinqatyisiweyo, nokwaye kwakhokelela ekuvulweni kwebhokisi yeseshoni yephepha loviwo elingachanekanga;

5.3 ukukhutshelwa kwabaviwa iphepha lemibuzo elingachanekanga;

5.4 iinkqubo ezingokugcinwa ngokunqatyisiweyo kwesitshixo segumbi elinqatyisiweyo zinyashiwe.

6. Isikhokelo sokunqanda izitenxo nezohlwayo ezinokuwiswa ngezitenxo ezikhankanywe kule ngcaciso imfutshane sinikiwe **kwisiHlomelo A**.

7. Iinqununu nabaphathi bamaziko abalungiselela abaviwa ukubhalwa koviwo lwe*NSC* bayacelwa baqwalasele isikhokelo esikwisiHlomelo A kunye nokwazisa bonke abafundi beBakala 12 ngokukule ngcaciso imfutshane ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2017-08-24